Province of the

**EASTERN CAPE**

EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2012

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO(FAL) – P1

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ali – 11.

**IMIYALELO NENGCACISO:**

1. Eli phepha lemibuzo linamacandelo amaTHATHU.

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
   | ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
   | ICANDELO C: | Ukusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA uze ukrwele umgca ekupheleni kwecandelo ngaliNYE nasemva kwempendulo ngaNYE.
4. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
5. Landela imiyalelo ngocoselelo.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo wandule ukuphendula imibuzo.

### UKUMPULAZA

1. UNontando Qoloza yintombi yaseGcuwa ekhaya layo likwilali yaseCegcuwana. UNontando waye wanelishwa lokuthotywa isidima ngumfana owayekunyaka wokugqibela kwiSebe lobuFundisi, ejonge ukuthweswa imbasa ye B.A. kunyaka olandelayo. Igama lalo mfana yayinguMbulelo Nyasana. UNontando yena wayeyititshalakazi kwesinye sezikolo zaseDikeni kwaGaga. Umzi wakuloNontando yayingumzi wabantu abandilisekileyo, abangayithandiyo into embi nqwa nokuva kuthethwa kakubi ngegama labo. Loo nto yenza ukuba umninimzi ibe ngumntu ongqwabalala entsatsheni apha ngakumbi xa yenze into ekubonakala ukuba iza konyelisa igama lakwaQoloza.

2. Uyise kaNontando uMesheki wayeliqina lendoda eyaziwa kakhulu kwezecawa ndawonye nezokuhlala. Wayengumntu obaluleke ngenxa yobuchopho bakhe kuba ngumntu obesithi apha ezimbizweni umve ekhonkotha futhi; athi ukuba akayiqondi, angayiyeki idlule nje. Ubesoloko wayenza intlanganiso yelali ibe nomdla kuba ubexoxa kome amathe, axambulisane futhi nesibonda xa sithetha into angayiqondiyo.

3. Wayekwanayo nendawo yokuba sisiphoxo xa ethanda kuba wayesithi akuxinwa yimibuzo oku kwakhe abhenele ku “ndikho” ukuba uyafumaneka. Kanti ke kuyo yonke loo nto, abanye babekholelwa kwinto yokuba angalunga kakhulu kwimicimbi yasebuRhulumenteni xa athe wanikwa ithuba.

4. Njengokuba wayengayifuni into embi nje, nabantwana bakhe babesebemqonda, bengacingi bafane benze nayiphi na into ebheke ecaleni bengakhange bafikelwe luvalo bakucinga ngaye. Mhlawumbi yiyo nale nto uNontando wakhala kangaka akuhlelwa leli lishwa.

5. UMesheki lo wayenomninawa ogama linguZamani owayesebenza eRhawutini. Lo Zamani wayeseneminyaka emininzi kakhulu oko wemkayo apha eGcuwa. Wayezifunele umzi apho eRhawutini, ekwanentsapho apho eOrlando East. Kwakucacile ukuba wayengazimisele kubuya eze eKoloni kuba wayesengummi ozinzileyo. Intsapho kaMesheki yayikhe ngamanye amaxesha eholide inyukele apho eRhawutini ifikele kwaZamani kodwa uZamani wayeyazi indawo ajonge kuyo kuba noxa wayengasabuyi nje wayesidla amaqhosha eebhatyi zakhe kuba wayenobushishinana abenzayo bokusika impahla yamanene namanenekazi.

6. Njengoko uNontando wayesenike isaziso seenyanga ezintathu kuRhulumente sokuba uyayeka ukuphela kweKota yokuqala, wathi kanti uziqwebele imali aya kuthi ahambe ngayo. Lathi ke lakufika ithuba lokuba makahambe, wawujika umbombo wawubhekisa eRhawutini kuyise mncinci kuba wayesoyika ihlazo lokuhlekwa ngabantu baseCegcuwana, mhlawumbi nelokungonwabi kokwabo. Kaloku umntu ofundisayo nofundileyo, kwezinye iindawo unelishwa kuba akathandwa ngabantu abaninzi. Uthi ke umntu akuhlelwa yinto embi ahlekwe, kuba kaloku ukufumana imfundo kwakhe kubo kuyatshisa.

7. Kambe ke naloo Nontando wayengoyena mntwana uyintombazana phakathi kwamadodana amathathu. Njengaye nawuphi na umafungwashe, le ntokazi yayithandwa ifekethiswa kokwayo. Yiyo nale nto kwathiwa nguNontando.

8. Namhla wafundiswa abanye babengayiboni into yokuba uMesheki achithe imali efundisa intombazana. “Umntu ukufane esenza amabhongo okufundisa aba bantwana bangoku, aba bathi bengakhange babuyise naloo mali yooyise basuke baphel’emehlweni incedani?” Zazibanjalo ke iintetha eziwa ngokuwa. Babekho ke naba bagxeka umlisela ofundisiweyo ngokwawo. “Ufane uzihlupha nje wena mntwan’asemzini kuba naba nqalintlokwana abexeli nokuba kuyasa kuba uthi emthatha nje naloo mntwana abe engenaxesha lakhe. Ukusuka apho uya kumbona ezimisele kumabil’ebanda, ufike naloo mtshakazana ebhitye intamo inde.”

9. Zezi zinto ke ezenza ukuba le nzwakazi isabe kuba yayibazi abantu ehlala nabo. Asazi ke ukuba babeza kuthini akufika nale. Intoni ke ziyawoyika nje umbethe! Ngubani owaziyo ukuba akazange athi esehlika ePark Sitishini yabe loo nto seyisaziwa ngabakokwabo?

10. Wathi akufika ke uNontando kwayise mncinci wothuka uZamani akuba selechazelwe le meko nguNontando kungakumbi ke kuba asinto le wakha wayigqiba noyise. Kwaba kukhona ambhalela ngoku aseRhawutini uyise ezixela indlela anyuke ngayo nemeko emenze ukuba athabathe elo nyathelo.

11. Noyise wathi akuyihlafunisisa indlela okanye imeko ebeya kuphatheka ngayo mhlawumbi xa ebesekhaya wahla wee **thimbilili**. Ikwangunina umntu owatyhudisa ukuba umntwana wakhe makeze phambi kwakhe angayi emajukujukwini ngathi yintombi yokuqala ukuthotywa isidima.

1.1 UNontando wayesenza msebenzi mni? (1)

1.2 Idolophu iGcuwa ikweliphi iPhondo? (1)

1.3 Wayekweliphi inqanaba uMbulelo kwicala lezemfundo? (1)

1.4 Wayephuma kwikhaya elinjani uNontando? (2)

1.5 Utata kaNontando ube eneempawu zobunkokheli: Bezivela xa kutheni ezo mpawu? (2)

1.6 UNontando wanika isaziso sexesha elingakanani kuRhulumente? (1)

1.7 Umbethe ufumaneka ngaliphi ixesha lemini? (1)

1.8 Igama “ukundiliseka” lithetha (intlonipho/ isidima/ ukuthobeka) Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli. (1)

1.9 Ukungayifuni kukaMnu. Qoloza into embi kwaba namandla nakuNontando: Ngqina okanye uchase le ntetho ngokuthi unike umzekelo ukuphuhlisa impendulo yakho. (2)

1.10 UNontando wayefekethiswa kowabo. Oko kuthetha ukuba:

(a) Wayeteketiswa
(b) wayephethwe gadalala

Khetha ibe NYE efanelekileyo. (1)

1.11 Umabil’ebanda sisihlonipho segama um…………Gqibezela (1)

1.12 Umninawa kaMnu Qoloza wayengaxakekanga: Ngqina oku ngokuthi ucaphule amazwi aphuhlisa le ntetho ebalini. (1)

1.13 Umntu ofundileyo uba nelishwa lokuhlekwa akuhlelwa yinto: Ingaba yintoni unobangela woku ngokwalapha ebalini? (2)

1.14 UMbulelo Nyasana wenza into elifaneleyo ikhondo lemfundo alikhethileyo ngokuthoba isidima uNontando: Yinyani okanye asiyonyani? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.15 Ukufundisa intombazana kukuchitha ixesha: Yinyaniso okanye luluvo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.16 UMafungwashe yintombi yokuqala ukuzalwa ekhayeni: Ongumfana yena ubizwa ngokuba yintoni? (1)

1.17 Gqibezela esi saci okanye eli qhalo i …… woyika umbethe (1)

1.18 Chonga ibinzana kwisicatshulwa elithetha ukuba uMnu. Qoloza ubengayeki nje abantu bazenzele, bekusima ngaye xa sele kuxoxwa. (1)

1.19 Nika intsingiselo yegama ngalinye kula alandelayo:

(a) “imbizo”
(b) “ukusaba” (2)

1.20 Ukuyeka kukaNontando emsebenzini kuba ekhulelwe kubonisa ukuba yayilixesha lakudala: Xa yayileli xesha ngewayenze njani emsebenzini akukhulelwa? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

- Funda esi sicatshulwa singezantsi wandule ukusishwankathela ngamazwi akho ungadluli kumagama angama-50 – 60.
- Bhala inani lamagama ekupheleni kwesishwankathelo.
  Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.
  Ulwabiwo lwamanqaku:

- Iingongoma ezisixhenxe. (7)
- Ukusebenzisa ulwimi oluchanekileyo. (3)

Kwiminyaka elishumi ezayo, uya kube wonke umntu eneselula. Ukhenketho luya kuhamba phambili kwezengqesho. Icandelo lolwazi ngeteknoloji liya kuba lelona candelo liza kuqesha abantu abaninzi. Mhlawumbi eminye imisebenzi iya kube seyaphelelwa kudala. Umfundi wanamhla uya kube efundile, kwaye etshintshe imisebenzi esi-7 nangaphezulu eyahlukileyo ngethuba ethatha umhlala-phantsi.

Amanani abongikazi abafunekayo aya kwanda. Ootitshala bezenzululwazi, ulwazi ngeteknoloji, ezingezibalo nabacebisi ngezobomi baya kufuneka ngamandla. Abantu abamnyama baya kube bezalise izithuba ezininzi ezihlala abamhlophe ngoku. Kanti ke abafazi baya kuba ngoongqondo-ngqondo kwizikhundla eziphezulu ngaphezu kokuba bengabo ngoku.

Ezemidlalo ziza kudala amathuba emisebenzi, loo nto iza kwenza zifume iipokotho zabakowethu. Kwezenzululwazi banqabe okwezinyo lenkukhu abamnyama, ngako oko ke, amathuba emisebenzi kweli candelo aseza kuvuleka kwabamnyama, kwezengcali ngeteknoloji kuqalile ukwamkelwa abamnyama.

Abomculo ke bona bakuvile ukuntsentsethwa ziincukuthu zexesha lengcinezelo, zizondla ngeziphiwo zabo zomculo, nalapho ke amathuba avulekile. Ubuchule neenkcubeko kwizihombo zabamnyama nazo zifunwa ngamehlo abomvu ngabakhenkethi. Naxa sikhangele kwicandelo lezeelwimi kuninzi ekufuneka kutolikiwe ukuphucula iilwimi zibe mgangatho mnye nezabamhlophe, singabalula kwezobuntatheli, upapasho, uhlelo nesigama.

Ulutsha oluninzi luza kuzibhaqa luziinkedama kungenjalo lungabazali ngenxa kaGawulayo.

Amakhaya agcina abantwana abangenabazali aza kuphuphuma, izitalato zona ziza kunyakazela ngabantwana basesitalatweni. Loo nto ingabangela ukuba babe zizisulu ngakumbi koongantweni nezikhohlakali ezingenanceba.

Oonontlalo-ntle, amapolisa, abatshutshisi, amagqwetha nabacebisi ngezobomi nabaluleki bengqondo baza kuba zizinqini-nqini bezama ukukhawulelana nale ngxaki.

[Rhabula ungafinci Ibanga -10, Iphepha 94-95]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## IICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

Jongisisa le ntengiso wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:




**[BONA-**XHOSA: September 2011, Iphepha 51**]**

3.1 Esi sibhengezo singentla apha singatsala oluphi udidi lwabantu? (1)

3.2 Chonga igama elithetha ukuba ungaziwa lilizwe lonke xa unokufumana eli thuba. (1)


3.3 Isimamva segama unqwen**ela** senze msebenzi mni? (1)

3.4 Igama ‘inenekazi’ linika yiphi intsingiselo? (1)

| | | |
|---|---|---|
| 3.5 | Igama elamkelekileyo esiXhoseni legama ‘ifoto’ ngu.................(Gqibezela) | (1) |
| 3.6 | Caphula isimelabizo kwesi sibhengezo singentla unike nodidi lwaso | (2) |
| 3.7 | Kutheni isihloko sesi sibhengezo sibhalwe ngefonti enkulu nje? | (1) |
| 3.8 | Kwesi sibhengezo kukho isihlomelo: Sikhuphe unike nodidi lwaso. | (2) |
| | | **[9]** |

## UMBUZO 4

Funda le ncoko iphakathi koMnu.Khumalo noNksz. Sonto wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.




[Amabali emigalelo, Iphepha 4-]

4.1 Isenzo nentetho eyenziwa nguMnu. Khumalo kwibhokisi yesithathu zibonisa ukukhathala: Ewe okanye Hayi. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2 Kwibhokisi yesibini uNksz. Sonto ugqibela intetho yakhe ngamachokoza... Aphuhlisa ntoni la machokoza kula ntetho? (1)

4.3 Chonga isibanjalo kwibhokisi yesithathu unike nodidi lwaso. (2)

4.4 Lungisa iziphene kwintetho kaMnu.Khumalo noSonto kwibhokisi 3, 4 no 5. (4)

4.5 Kwibhokisi yesi-7 kukho iqhalo okanye isaci: Nika isithetha-ntonye sesaci okanye iqhalo elo. (2)

4.6 Amagama akrwelelwe umgca kule ntetho ingentla enze msebenzi mni? (5)

4.7 Isibizo esimbaxa u "mpelaveki" sakhiwa ngala magama alandelayo:

(a) umphela + iveki

(b) imphela + veki

(c) ukuphela + iveki

Khetha libe liNYE elichanekileyo. (1)

4.8 Kwibhokisi yesi-7 kukho isafobe: sichonge unike nodidi lwaso. (2)

4.9 Isibizo sesibini kwibhokisi 3 asinaceba: Ingaba yintoni unobangela woko? (1)

4.10 Sebenzisa igama "umqolo" kwizivakalisi eziBINI ubonise ukwahluka kweentsingiselo ngaphandle kwale uyinikiweyo kwintetho. (2)

4.11 Nika intsingiselo elula yegama "ukonwaya". (1)

4.12 Isichasi segama "ubulungisa" yi............Gqibezela (1)

4.13 Tshintsha isivakalisi esikwibhokisi yokuqala sibe kwixesha eladlulayo. (2)

4.14 Igama uNksz. sisifinyezo. Nika igama elipheleleyo. (1)

**[27]**

**UMBUZO 5**

Funda lo mhlathi wandule ukunika igama elinye ngenkcazelo ebhalwe ngqindilili. Khetha impendulo echanekileyo kula magama alandelayo:

ingcuka, udyakalashe, yimfene, uthekwane, ilulwane, imbulu

UmaNkwethu yinkosikazi ethanda **5.1 ukuzibuka xa inxibile**. Lo nto yenza ukuba athande **5.2 ukunxiba nezabanye abantu iimpahla**. Isimanga ukuba uthe awamnika lo nto ayifuna kuwe akaphindi afune ukuthetha nawe kwaye akalibali, enjalo nje ke **5.3 akunakumthemba awumazi nokuba ukweliphi icala** xa sekukho ingxaki. **[3]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**

**AMANQAKU EWONKE: 80**